Isalathiso: 20201023-9000
Inombolo yefayili: 5/1/7/4
Imibuzo: JT Solomons

ISetyhula: 0055/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaGosa akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa amagosa ekufuneka asebenzise izithuthi zeGaraji kaRhulumente (Government Garage (GG)) ngemfuneko yepemithi yokuqhuba i-professional driving permit (PrDP) efuneka kwiimeko ezithile.*

ISihloko: Imfuneko yokufumana i-*PrDP* yeendidi ezithile zezithuthi

1. Le setyhula ihlaziyiwe ngako oko itshitshisa yaye iyithathe ngokupheleleyo indawo yeSetyhula 0044/2015, yomhla we-18 Agasti 2015.

2. Ukuqhuba kwindlela kawonke-wonke eMzantsi Afrika nokuthutha imithwalo okanye imithwalo eyingozi okanye abakhweli ngenjongo yengeniso, kufuneka ubenayo i-*PrDP*.

3. KwiSahluko 4 kwisiqendu 32 soMthetho we-*National Road Traffic Act*, 1996 (*Act 93 of 1996*), owaqala ukusebenza ngowe-01 Agasti 2000, kucaciswa ukuba abaqhubi bazo naziphi na iindidi zezithuthi ezidweliswe apha ngezantsi (nokuba bona banganini bezithuthi okanye akunjalo nokuba bakhwelise abakhweli okanye akunjalo) kwindlela kawonke-wonke, mababe banayo i-*PrDP*.

Udidi lwesithuthi	**I-*Gross vehicle mass* (*GVM*)**	**Udidi lwe-*PrDP***	**Iminyaka yobudala eyeyona isezantsi yomqhubi**
Isithuthi esilayisha imithwalo	Ngaphezu ko-3500 kg	G	Iminyaka eyi-18

Ibhasi	Ingathathelwanga ngqalelo i-*GVM*	P	Iminyaka eyi-21
Iminibhasi	Ngaphezu ko-3500 kg	P	Iminyaka eyi-21
Iminibhasi eyenzelwe okanye etshintshelwe ukukhwelisa abakhweli abayi-12 okanye abangaphezulu kuqukwa nomqhubi	Ingathathelwanga ngqalelo i-*GVM*	P	Iminyaka eyi-21
Nasiphi na isithuthi esiyimoto esisetyenziselwa ukukhwelisa abakhweli ababhatalayo	Ingathathelwanga ngqalelo i-*GVM*	P	Iminyaka eyi-21

3.1 Unokufaka isicelo se-*PrDP* kulo naliphi na iziko lokuvavanyelwa ilayisensi yokuqhuba (*driving licence testing centre*). Izicelo mazibandakanye la maxwebhu ayimfuneko neentlawulo abizwa:

a) Uxwebhu olusisazisi esamkelekileyo (ID)/ikhadi elisisazisi;
b) Iifoto ze-*ID* ezimbini zomenzi-sicelo;
c) Ilayisensi yomqhubi eyintsusa;
d) I-*Medical Certificate* (i-*MC form*);
e) Ifom yokwenza isicelo i-*PrDP* (ifomu ye-*PD1*); kunye
f) neNgxelo yokucoca konke (*clearance report)* yeNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika .

3.2 Ezi fom zikhankanywe apha ngentla ziyafumaneka kulo naliphi na iziko lokuvavanyelwa ilayisensi yokuqhuba (*driver's licence testing centre*).

4. Imiqathango yoMthetho i-*NRT Act* ibophelela bonke abemi yaye ke ngoko nabo bonke abaqeshwa beSebe leMfundo leNtshona Koloni namaziko aphantsi kolawulo lweSebe. KwiSahluko 4, isiqendu 32 salo Mthetho ukhankanyiweyo ke ngoko sikwasebenza nakubaqhubi bezithuthi ze-*GG* kwezi ndidi zichazwe ngasentla. Iintloko zalo maziko asebenzisa naluphi na udidi lwesithuthi maziqinisekise ukuba bonke abaqhubi banayo i-*PrDP* eyimfuneko. Iindleko ezichaphazelekayo zimelwe ukuhlawulelwa kwibhajethi yeziko elo.

5. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, unokuqhagamshelana nalo naliphi na igosa kula alandelayo kwaNdlunkulu:

Nksk F Abdou, Inombolo yefoni 021 467 2811
Nksk C Albertus, Inombolo yefoni 021 467 2794
Nks V Ntshinga, Inombolo yefoni 021 467 2808

Nks A Gana, Inombolo yefoni 021 467 2715

6. Makwaziswe ngokuqulethwe yile setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-12-21